# UNCEDO OLUNGOKULUNGELA UBUSIKA OLUJOLISWE KWIMIBUTHO

ISixeko saseKapa siyayihlonipha imingeni apho abantu abajongene nayo yokulala kwiindawo ezisesichengeni esitratweni kwaye sithi sixhase imibutho engajonganganzuzo nengokuxhamla uluntu ngokuthi songezelele kwimithombo esele inayo, ngokusebenzisa inkqubo yaso engokulungela ubusika.

Le nkqubo ithi ixhase yonke imibutho efanelekileyo ngokuthi yongezelele imithombo yayo esele inayo ukuze kwande izixhobo ezishokoxekileyo ngexesha leenyanga ezimaxongo zasebusika, xa kwelinye icala libonelela ngenkxaso yezixhobo zoncedo ezinjengeebhedi zokulala, iingubo, izixhobo zococeko, ubonelelo ngezidlo neemathiriyeli yokucoca, apho zijoliswe kwimibutho leyo ithi ingenzi isicelo esijoliswe kuphela kwizinto zokulala.

Oku ke kuyakuthi kuqalise ukususela ngowe 4 kuCanzibe (Meyi) ukuya kowama30 kweyeDwarha (Okthobha) 2026, kwaye imibutho engamahlakani akulindelekanga ukuba idale nayiphina indawo yokuhlala esisigxina.

Nceda ugcwalise ifomu yesicelo, efumaneka kwa www.capetown.gov.za/readyforwinter kwaye uyingenise ku Chantal.Krull@capetown.gov.za ngowama 31 kweyoKwindla (Matshi) 2026.

**Ummiselo**

Imibutho ethabatha inxaxheba, kufuneka:

- Ibe ibhalisile njengeeNPO okanye iPBO
- Ibenezakheko esele izimiselwe ukuze bangenise abaxumi kwaye baphendule iimfuno zabo ngokuthi basebenzise iinkqubo zophuhliso
- Ithobele imimiselo engeSatifiketi esingeNani elivumelekileyo laBantu (xa isenza isicelo sokwandiswa kwezixhobo zokulala)
- Ithobele yonke imigaqo engezempilo nokhuseleko, ivumelane nezohlolo kwisiza apho oluyakuthi luqhutywe ngamaSebe elezoCim'omlilo nelezoKhuseleko eSixeko, elezeMpilo yokuSingqongileyo kunye neSebe loPhuculo loLuntu, ezoBugcisa neNkcubeko, apho luyakuthi luqhutywe ngaphambi kokuba kunikezelwe isiphumezo soncedo.
- Babenaso isicwangciso (iplani) solwakhiwo esiphunyeziweyo
- Bangenise iplani eluyilo engomgangatho olungiselelwe ezo ndawo zokulala ezongezelelweyo ezizezo kwenziwa isicelo sazo
- BabeneSatifikethi sokwamkeleka esijolise kwiZakhiwo zokuTya

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA27/2026**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**